



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2010

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO –
IPHEPHA LESIBINI**

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

XHOSA2

Olu viwo lunamaphepha asi – 7.

IMIYALELO

1. Umfundi kulindeleke ukuba aphendule umbuzo ube mNYE kwicandelo ngalinye.
2. Icandelo ngalinye malibhalwe **kwiphepha elitsha**, uze ukrwele umgca wakugqiba icandelo elo.
3. Bhala cacileyo nacocekileyo, uwucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.
4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nolwakhiwo lwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO

ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esingama-150 – 180 amagama (iphepha elinye)

ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 amagama (isiqingatha sephepha)

ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-40 – 60 amagama (isiqingatha sephepha)

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibe si**NYE** ubhale ngaso ngamagama ali-150 – 180 (iphepha elinye).

- 1.1 Elona bali limnandi endakha ndalibaliselwa ngumakhulu wam.
Balisa ngeli bali okanye ngesi siganeko kutsho kuvuseleleke umdla nakuthi.



(40)

OKANYE

- 1.2 **Chaza** indlela iqela leBafana Bafana elidlale ngayo kwimidlalo yeNdebe yeHlabathi.



(40)

OKANYE

- 1.3 **Chaza** ngezithembiso ezenziwa nguRhulumente ophetheyo phambi kovoto lika-1994.



Oku kulandelayo kunganegalelo kwesi sihloko:


- zeziphi izithembiso azifezekisileyo?
- zeziphi angekazifezekisi?
- Wena, ingaba uyaneliseka yinkqubo yedemokrasi?
- Xa ucinga, ingaba uvoto olulandelayo lakwahluka njani kwasele egqithile amaxesha?
- Ungathini ngamaqela ezopolitiko aphikisayo aza kuthabatha inxaxheba? Njalo njalo

(40)

OKANYE

- 1.4 “Iziyobisi ziyayitshabalalisa impilo yomntu”.

Ngqina le ntetho ngokuthi ubhale iziganeko ezehlela abantu ngenxa yazo.



(40)

- 1.5 **Balisa** ngethuba owakha wasengxakini yokuthabatha isigqibo waza wacela iingcebiso ebantwini.

Loluphi uluvo owaluthabathayo? Ngoba?

Xa ujonga emva phaya, ingaba wathabatha isigqibo esisiso ngaloo ngxaki owawunayo?

(40)

OKANYE

- 1.6 “Sasinexesha elimnandi kakhulu. Ukutya kwakumnandi nabantu endandinabo besonwabisa. Ngesiquphe kwavakala isithonga sompu, sothuka see xhonkxosholo”.

Balisa ngokwathi kwenzeka.

(40)

OKANYE

- 1.7 Kwigumbi lokulindela likagqirha wamazinyo. **Chaza** indlela oweva ngayo kwanoluvo lwakho ngeli gumbi.

(40)

OKANYE

- 1.8 Jonga le mifanekiso yamaqhawe namaqhawekazi elizwe loMzantsi Afrika. Khetha libe linye kuwo **ubalise** konke okwaziyo ngalo.

Mark Shuttleworth



Connie Ferguson



Thandiswa Mazwai



ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Iphephandaba iSunday Times lipapashe umsebenzi wobunontlalo-ntle (social worker). Wena ubonile okokuba lo msebenzi ungakulungela.

Bhala **ileta** yesicelo sokuqeshwa kuwo. (20)

OKANYE**2.2 INGXOXO**

Ufika ingxoxo ishushu phakathi kweenzwakazi ezimbini. Umba otshisa ibunzi ngulo:

“Ingaba kulungile ukuba abazali babe nolwazi kwaye badlale indima kwimiba yezothando lwabantwana babo?

Bhala le ngxoxo, ubonise izimvo zenzwakazi nganye. (20)

OKANYE**2.3 IRIVYU**

Kukho imuvi esandula ukuboniswa yinkampani yakwa- Sterkinikor enika umdla kakhulu nelungiselelwe umntu wonke.

Yenza uphendlo olunomtsalane (irivyu) lwale muvi. (20)

OKANYE**2.4 ISIMEMO**

Ubhuti okanye usisi wakho uza kutshata. Ukucele ukuba umenzele isimemo, umeme abantu ubachazele ngemini yethoko, indawo nexesha oza kuqala ngawo lomtshato.



ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Bhala umhlathana ube mNYE kweli candelo. Umhlathana lowo mawube ngamagama angama-40 – 60. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 IPOWUSTA

Kwingingqi yakho kuza kube kubanjwe ikonsati yokunyusa ingxowa-mali yabantu baseHaiti abathe bavukelwa lunyikimo-mhlaba.

Kule konsati, kuza kube kucula iimvumi ezaziwayo ezifana nooLira nabadlali bomculo abafana nooBlack Coffee.

Yenza le powusta wazise uluntu ngale konsati.



(20)

OKANYE**3.2 ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Bhala isibhengezo-ntengiso seyona mveliso uyithandayo imizekelo iselula/ amafutha eenwele/imoto efikayo/isiselo njalo njalo.

(20)

OKANYE

3.3 Bhala imiyalelo (directions) uxelela umhlobo wakho ngendlela eya kwikhaya lakho ukusuka kokwabo nokokuba kukude kangakanani na. Umcacisele akwazi ukuza kowenu esebenzisa leyo miyalelo yakho.

(20)

OKANYE**3.4 IFLAYA**

Umalume wakho uvule ishishini elithengisa iyunifomu (umasifane) yesikolo.

Bhala iflaya eza kwenza eli shishini laziwe luluntu. Kwiflaya yakho qiniseka ukuba zonke iinkcukacha ziyavela.

(20)

AMANQAKU ECANDELO C: 20**EWONKE AMANQAKU: 80**